Isifundo 12 **Septemba 11–17*

Umprofeti Ongenakuphumla

Sabatha Emva kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki: *Yona 1–4, Yer. 25:5, Hez. 14:6, IsiTyh. 2:5, Luka 9:51–56, Yuda 1–25.*

Indima Yenkumbulo: **“ ‘Ndingabi nanceba na ke mna ngenxa yeNineve, loo mzi mkhulu, unabantu abangaphezu kwekhulu elinamanci mabini amawaka, abangakwaziyo ukunene kwabo kwikhohlo labo; kwanempahla enkulu eninzi?’ ”** *(Yona 4:11)***.**

Elinye lawona mabali anika umdla esiBhalweni limele ukuba lelikaYona. Nguye lo, umprofeti kaThixo, umntu obizwe nguThixo, kwaza kwathini? Ubaleke wemka kubizo lukaThixo.

Emva koko, akuba esukelwe ngendlela emangalisayo ukuba ayiguqule ingqondo yakhe athobele uYehova, uyakwenza oko, kodwa abuye enze ntoni? Ukhalazela ukuba abantu awayebizwe ukuba angqine kubo besuke baguquka baza basindiswa kwintshabalalo, eyayiza kubafikela, phofu!

Umzekelo onjalo, umntu ongenako ukuphumla, ongenalo uxolo—wada wafikelela ekubeni akhale, athi, “ ‘Ke ngoku, Yehova seluwuthabatha umphefumlo wam kum, kuba ukufa kum kulungile kunokuba ndidle ubomi!’ ” *(Yona 4:3)*.

UYesu ngokwaKhe wabhekisa kwibali likaYona, esithi: “ ‘Amadoda aseNineve aya kusuka eme ngomgwebo nesi sizukulwana, asigwebe; ngokuba aguquka wona ngomemezo lukaYona; ke omkhulu kunoYona nanku apha’ ” *(Mat. 12:41)*. Mkhulu kunoYona, ngokwenene! Ukuba bekungenjalo, ebengayi kuba nguMsindisi wethu.

Kule veki, siza kuqwalasela kuYona nokuba yintoni esingayifunda kukungabi nakuphumla nokuswela uxolo kwakhe.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 18.*

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 92 2021/06/14 12:26

Ubaleke Wemka

UYona wayengumvangeli onempumelelo ngendlela emangalisayo. Nangona enjalo, wayengoyena unobunqumnqezi, phofu ke, ekuqaleni. Nokuba yintoni awayesenza yona uYona, ubizo lukaThixo lwabuphazamisa kakhulu ubomi bakhe. Endaweni yokuthwala idyokhwe kaThixo emagxeni wakhe azifumanele ngokwakhe ukuba idyokhwe yaKhe ilula nomthwalo ukhaphukhaphu *(Mat. 11:30)*, uYona wagqiba ukuba azifumanele okwakhe "ukuphumla," ngokuthi abaleke aye kwelinye icala kunelo uThixo wayembiza ukuba aye kulo.

UYona wayethembe ukuba uya kulufumana phi uxolo nokuphumla kubizo lukaThixo? Kwamsebenzela kakuhle njani oko? Funda uYona 1.

UYona uyemka esiya kwelinye icala elingelilo elo uThixo ebembizela kulo. Akemi nokuma ukuba abonisane noThixo, njengoko benjenjalo abanye abaprofeti beBhayibhile xa bebizwa ukuba babe ngabathunywa bakaThixo *(bona, umzekelo, Eks. 4:13)*.

Okunika umdla ngokwaneleyo, eli asikuko okokuqala uYona ebizwa ukuba athethe noThixo, ngokokutsho ku-2 Kumkani 14:25. Kuleyo imeko, phofu, uYona ubonakala ekwenzile oko uYehova amthume kona. Akunjalo kodwa ngoku.

Kutheni?

Ezembali nezabaphanda ngogrumba amanxuwa zibonisa inkohlakalo yabaphathi bemini zama-Asiriya ababegqugqisa iMpuma eKufuphi [Near East] ngexesha lenkulungwane ye-8 B.C., ixesha elo uYona wayelungiselela kwaIsrayeli. Kwisithuba sama-75 eminyaka kamva, ukumkani wama-Asiriya uSenakeribhe wahlasela uYuda. ElakwaIsrayeli nelaseSamari ayesele ewile kwisithuba sama-25 seminyaka ngaphambili, kwaye kubonakala ukuba ukumkani uHezekiya wayesele ezimanye nabachasi bama-Asiriya.

Ngoku lalifikile ixesha lokuba ama-Asiriya aziphindezele. IBhayibhile *(2 Kumkani 18, Isaya 36)*, iincwadi zembali yama-Asiriya, nekwakubhalwe kwiindongaa zebhotwe likaSenakeribhe eNineve, zonke zisixelela ngebali lenkohlakalo yokuwa kweLakishe, enye yezona nqaba zibalulekileyo nezikhuselekileyo zikaHezekiya kumda wangasezantsi. Komnye umbhalo, uSenakeribhe ubanga ukuba uthabathe ngaphezu kwamakhulu amabini amawaka amabanjwa kwizixeko ezinqatyisiweyo ezingama-46 athi wazitshabalalisa. Wathi ukumkani weAsiriya akuyithabatha iLakishe, amakhulu okanye amawaka amabanjwa angcuthwa; abaxhasi bakakumkani Hezekiya abangamafa-nankosi bahlinzwa bephila, baza abanye bathunyelwa eAsiriya bayokuba ngamakhoboka.

AmaAsiriya ayekhohlakele ngendlela engakholelekiyo, nangokwemigangatho yehlabathi ngelo xesha. Kanti uThixo uthuma uYona kanye kumbindi wobo bukumkani?

Ingaba kuyamangalisa ukuba uYona angafuni ukuya?

Ukubaleka kuThixo? Ingaba wakha wayenza loo nto ngaphambili? Ukuba kunjalo, yakusebenzela kakuhle kangakanani wena? Zeziphi izifundo ongaba wazifunda kuloo mpazamo?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 93 2021/06/14 12:26

Uphumlo Lweentsuku ezintathu

Ukubaleka kukaYona kuThixo akuzange kungabi nazingxaki. “Uphumlo” lwakhe lomzuzwana lwaphazanyiswa xa ngokumangalisayo uThixo wangenelela ngomoya omkhulu. UYona usindiswe engcwabeni lamanzi nguThixo, owayalela intlanzi ukuba imsindise uYona.

Sekunjalo, kwaba kuphela xa uYona ezifumana enyanzelekile ukuba abe kuphumlo lweentsuku ezintathu esiswini sentlanzi enkulu, awathi waqonda indlela axhomekeke ngayo kakhulu kuThixo. Maxa wambi, kufuneka sibekwe kwindawo apho singenanto enikwa leli hlabathi esinokwayama kuyo ukuze siqonde ukuba uYesu nguYe esimdinga ngokwenene.

Funda: umthandazo kaYona esiswini sentlanzi *(bona uYona 2:1–9)***. Uthandaza esithini?**

_____

_____

Nangona wayesenzulwini, kwimeko eyingozi kakhulu, uYona, emthandazweni wakhe, uthandaza ngengcwele. Uya kukhangela “etempileni yakho engcwele.”

Kwenzeka ntoni apha?

Itempile yeyona ndawo ifanelekileyo yalo mthandazo, kwaye ifanele ukuba yindawo engumbindi yokuthandaza jikelele. Inye kuphela indawo kwiTestamente eNdala apho uThixo anokufunyanwa khona. Usengcweleni *(bona uEks. 15:17, Eks. 25:8)*. Ingcwele iyindawo engumbindi yokuthandaza nokuthetha noThixo.

Noko kunjalo, uYona akabhekisi kwitempile eseYerusalem. Endaweni yoko, uthetha ngengcwele yasezulwini *(Yona 2:7)*. Kulapho ithemba lakhe likhona, kuba kulapho uThixo nosindiso alunikayo, ngokwenene, luvela khona.

Ekugqibeleni uYona uyayiqona le nyaniso ibalulekileyo. Ube nawo amava obabalo lukaThixo. Ube esindisiwe. Yathi xa intlanzi enkulu imtyekeza, wayiqonda ngokwakhe buqu indlela uThixo amthanda ngayo, engumprofeti obebalekile. Ngokuqinisekileyo ufundile (nokuba bekungekho zindlela ziphuma ecaleni apha endleleni) elona khondo likhuselekileyo kuye nawuphi okholwayo kukufuna ukuba kwintando kaThixo.

Ngoko ke, ngoku ugqiba ukuba enze umsebenzi wakhe athobele imiyalelo kaThixo, ekugqibeleni aye eNineve. Ngokuqinisekileyo unokholo, njengoko esinga kwisixeko esigqithisileyo ukukhohlakala nesibemi baso base nokungamthandi lo mprofeti wasemzini obaxelela ngendlela abababi ngayo.

Ngamanye amaxesha siyakudinga ukukha sithi tshalala, sikhe silahleke, sizokubuya sinembono entsha yezinto. Nangona ibali likaYona, owasinda ngendlela emangalisayo embilinini wentlanzi, liyimeko ebonakala ibaxekile, ukuphuma kwimeko eqhelekileyo ekujikelezileyo kungakuvumela njani ukuba uyikhangele kwicala elitsha, mhlawumbi nelidingekayo?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 94 2021/06/14 12:26

Umsebenzi Ofeziweyo

Xa ithelekiswa naso nasiphi isixeko okanye idolophu kwaIsrayel, iNineve isisixeko esikhulu. Isisixeko "esikhulu kunene, esiluhambo lweentsuku ezintathu" *(Yona 3:3, NKJV)*.

Funda: Yona 3:1–10. Isabele ngelithini le ndawo ikhohlakeleyo? Zifundo zini esinokuzifumana kweli bali kwimizamo yethu yokungqina kwabanye?

_____

_____

Ngexesha etyhutyha isixeko, uYona uvakalisa isigidimi sikaThixo: " 'Zisaya kuba ziintsuku ezimashumi mane, iNineve ibhukuqwe!' " *(Yona 3:4)*. Isigidimi sichane uchwethe kanye. Nangona iinkcukacha zinganikwanga, kuyacaca ukuba isigidimi siwa ezindlebeni ezivayo, kwaye nabantu baseNineve (bebonke!) bayawakholelwa amazwi esiyalo sikaYona.

Ngokohlobo lwesiqhelo sakwimpuma ekufuphi, umthetho uvakaliswa ngukumkani waseNineve ukuze kubonakalaliswe ukuguquka kwentliziyo. Wonke umntu, kuquka izilwanyana, kufuneka ezilile akhale (indlela ezikhala ngayo izilwanyana, ayixeli indima). Ukumkani uyehla etroneni yakhe ahlale eluthulini lomhlaba, isenzo esingumfuziselo obaluleke kakhulu.

Funda: Yona 3:6–9. Thelekisa nezi ndawo: Yeremiya 25:5, Hezekile 14:6, neIsiThyilelo 2:5. Zeziphi iziqalelo ezifumaneka kwintetho kakumkani, ezibonisa ukuba uyayiqonda ukuba ingantoni inguquko yenyaniso?

_____

_____

Intshumayelo yayimfutshane, ingqalile, kodwa izele lulwazi ngoThixo olululo ngokubhekiselele kwinguquko. Ngexesha uYona wayeshumayela, uMoya Oyingcwele unokuba wayesebenza ngamandla ezintliziyweni zabantu baseNineve.

Abantu baseNineve abazange bazuze kuwo wonke amabali okukhokela kukaThixo ngothando awakuzuzayo amaIsrayeli, kodwa, bakwazi ukusabela kuYe ngendlela eyamkelayo. Wona ade athi, "Masizilahlele kwinceba kaThixo, kungekuko kokwethu esikwenzileyo! Masixhomekeke ngokupheleleyo kukulunga kwaKhe nobabalo lwaKhe."

Okumangalisayo, uYona, lo ebexhamle ubabalo lukaThixo kuye buqu ngokwakhe, ubonakala ecinga ukuba ubabalo lukaThixo yinto enomkhethe kangangokuba ngabathile abafanele ukuba nethuba lokuphumla kulo.

Kutheni le nto inguquko iyinxalenye ebaluleke kakhulu kumava omKristu? Kukuthini ukuguquka ngokwenene ezonweni zethu, ngokukodwa kwizono esiziphindaphindayo ukuzenza?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 95 2021/06/14 12:26

Umvangeli Onomsindo Nongonwabanga

Ngelishwa, ibali likaYona alipheli ngesahluko 3.

Funda: Yona 4:1–11. Yintoni ingxaki kaYona? Sifundo sini esinokusifunda kwesi similo sakhe sinamakhwiniba?

UYona 4 uqala ngomsindo kaYona ngakuThixo kuba umsebenzi abewuthunyiwe waba nempumelelo enkulu kakhulu. UYona ukhathazwa kukubonakala esisibhanxa. Simfumana uThixo ethabatha ixesha ebonisana nomprofeti waKhe, oziphethe okosana oluzidlikidlayo.

Apha sibona ubungqina bokuba abalandeli benene bakaThixo—nabaprofeti ngokwabo—kuninzi ukukhula nokoyisa ekusafuneka bekwenzile.

"Akuba uYona eyazile injongo kaThixo yokusisindisa isixeko esathi, nangona sasikhohlakele, sakhokelelwa ekubeni siguquke ngezirhwexayo nothuthu, wayemele ukuba ungowokuqala ukuvuya ngenxa yobabalo lukaThixo olumangalisayo; kodwa, endaweni yoko, wasuka wavumela ingqondo yakhe ukuba igxile phezu kokuba, kunokwenzeka ukuba yena abonwe njengomprofeti wobuxoki. Ngenxa yekhwele ngegama lakhe, walahlekwa ngumbono wexabiso elikhulu ngokungenawo umlinganiselo wemiphefumlo ekweso sixeko silusizi."—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani*, iph. 271.

Umonde kaThixo ngomprofeti waKhe uyamangalisa. Ubonakala ezimesele ukumsebenzisa uYona, athi akubaleka uYona, uThixo athumele isaqhwithi nentlanzi ukuba zimbuyise obalekileyo. Nangoku ke, kwakhona, xa uYona esenza okuchaseneyo, uThixo uzama ukubonisana noYona nengqondo yakhe embi, esithi kuye:

" 'Uyalungisa na ukuthi oku, uvuthe ngumsindo?' " *(Yona. 4:4)*.

Funda: Luka 9:51–56. Le ngxelo ihambelana njani ngandlela ithile noko kwenzekayo kwibali likaYona?

" 'Wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe ekuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade' " *(Yohane 3:16)* okanye, ngokutsho kukaThixo kuYona 4:11: "Ndingabi nanceba na ke mna ngenxa yeNineve, loo mzi mkhulu, unabantu abangaphezu kwekhulu elinamanci mabini amawaka, abangakwaziyo ukunene kwabo kwikhohlo labo; kwanempahla enkulu eninzi?' " . Hay' ubukhulu bombulelo esifanele ukuba nawo kuba, ekugqibeleni, nguThixo—ayisithi ngokwethu—uMgwebi weentliziyo neengqondo kwaneenjongo.

Singakufunda njani ukuba nolu hlobo lwemfesane nomonde kwabanye njengoko anazo uThixo, mhlawumbi ukufunda ukubonakalalisa imfesane nomonde?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 96 2021/06/14 12:26

Isitrato Sezizayo Neziyayo

UYona ubonakala ekwinkathazo engaphezulu kunokuba imfanele. INineve yayisisixeko esiyingozi, kodwa ebalini likaYona abantu baseNineve ababonakali beyingxaki. Basiqondile isigidimi baza bakhawuleza ukuguquka. UYona, umvangeli ubonakala elikhonkco elingomelelanga kweli bali lovangelo.

Kule ngxelo, uThixo ulandela umprofeti othandabuzayo kuba uyazi ukuba uYona uyaludinga uhambo lovangelo oluya eNineve kwanjengokuba abantu baseNineve bekudinga ukuva isigidimi sovangelo.

Funda: incwadi kaYuda. Singazigcina njani sise"luthandweni lukaThixo" *(Yuda 21)***. Kuthetha ntoni oko?**

_____

_____

Kwincwadi yakhe emfutshane kwiTestamente eNtsha, uYuda uthi kwindima yama-21 kaYuda: "Zigcineni nihleli eluthandweni lukaThixo njengoko nilindele inceba yeNkosi uYesu Kristu eza kunisa ebomini obungunaphakade" *(NIV)*.

Ukuxhamla kwakho buqu uthando nobabalo lukaThixo ayisiso isiganeko sexesha elinye. Endlela enye eqinisekileyo "yokuzigcina uhleli eluthandweni lukaThixo" kukufikelela kwabanye. Kwiindima ezilandelayo, uYuda uthi masibe "nenceba" "sibasindise" abanye ngokuba"phanga emlilweni" *(NIV)*.

Funda: Yuda 20–23. Yintoni ethethwa apha le ihambelana nebali likaYona, yaye isithini nakuthi? ?

_____

_____

UThixo wambiza uYona ukuba aye eNineve kuba kunokwenzeka ukuba uYona akazange achithe xesha lininzi ecinga ngolwalamano lwakhe nama-Asiriya ngaphambi kolu bizo. Kunokwenzeka ukuba wayengawathandi, kodwa wayengenayo ingcamango yokuba uwathiye kangakanani okanye yokuba wayeya kuphumela kubunzima obungakanani ukuze abaphephe, nasemva kokuba efumene ubizo. UYona wayengakulungelanga ukuba anganomntu waseNineve njengommelwane wakhe ezulwini. UYona wayengakufundanga ukuthanda njengoko uThixo ethanda. UThixo umbiza uYona ukuba aye eNineve uyabathanda abantu baseNiveve kwaye uyabafuna ebukumkanini baKhe. Ngenxa yoko, uThixo ukwabiza uYona kuba uThixo uyamthanda uYona. Ufuna ukuba uYona akhule afane ngakumbi naYe ngexesha besebenza kunye. UThixo ufuna ukuba uYona afumane uphumlo lwenyaniso ebakho kuphela ngokubakho kulwalamano olusindisayo naYe nangokwenza intando kaThixo, equka ukufikelela kwabanye nokubalathisa kukholo nethemba esinalo nathi.

Lingakanani ixesha olichithela ekusindiseni abanye? Ngokwasemoyeni, olu hlobo lomsebenzi lusikhokelela njani ekufumaneni uphumlo lwenene kuYesu?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 97 2021/06/14 12:26

Ingcamango Eyongeziweyo: "Kumyalelo awayewunikiwe, uYona wayephathiswe umthwalo onzima; kanti ke Lowo wayemyalele ukuba ahambe, wayenakho ukumxhasa umkhonzi waKhe amnike impumelelo. Ukuba umprofeti wayethobele engathandabuzi, wayeya kusindiswa ekuhlanganeni neenkathazo ezininzi nezimbi, kwaye wayeya kusikelelwa kakhulu. Kanti ke, nakwiyure yokuphelelwa lithemba kukaYona, uYehova akazange amshiye. Ngenxa yodederhu lwezilingo nokubonelela kukaThixo okungaqhelekanga, kwakuza kuvuseleleka ukumthemba kukamprofeti uThixo namandla waKhe."—Ellen G. White, Abaprofeti Nookumkani, iph. 266.

"Amawaka angafikelelwa ngezona ndlela zilula nezithobekileyo. Abona bantu banobuchopho, abo babonwa njengabona banezipho emhlabeni, bayakholisa ukuhlaziywa ngamazwi alula omntu omthandayo uThixo, nonokuthetha ngolo thando ngokukhululekileyo njengoko umntu othanda ihlabathi enokuthetha izinto azithandayo ngeyona ndlela inzulu."—Ellen G. White, *Christ's Object Lessons*, iph. 232.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ U"mprofeti kaThixo" ucatshukiswa kukuba abantu uThixo awambiza ukuba angqine kubo balwamkela usindiso? Sifanele ukuyiqonda njani le ngqondo ngakwicala likaYona? Umzekelo onamandla womonde kaThixo ngabantu baKhe, naxa besenza ngokuchaseneyo nokukhanya abanako!

❷ Ibali likaYona linika ingqondo ethi uThixo akanele ukuba kumcimbi wokusindisa kuphela abantu abalahlekileyo kodwa ukwanomdla nasekuguquleni okanye ekwenzeni ngokutsha abalandeli baKhe. Singayizuza njani "intliziyo entsha" kwa"nomoya omtsha" naxa sesiyazi iNkosi nenyaniso yeli xesha? Uthini umahluko phakathi kokwazi inyaniso nokwenziwa ngokutsha yiyo?

❸ Funda incwadi kaYuda kwakhona. Sithini esona sigidimi sifunekayo sale ncwadi, kwaye kutheni sifanelekile eso sigidimi kuthi njengebandla namhlanje?

❹ Amava okusebenzela ukusindiswa kwabanye asenzela njani nawo okulunge kakhulu ngokwasemoyeni?

❺ Nokuba zazisithini izizathu, okanye iingcinga, awayenazo uYona, ngokungafuni ukuya eNineve, uThixo wambonisa indlela awayengalungisi ngayo. Ngumoya onjani, okanye yingqondo ethini esinokuba nayo ngakwabanye abanokuveza kwaloo ngqondo inye yokungalungisi awayibonisayo uYona?

Xhosa STG 321_body A5 112pp.indd 98 2021/06/14 12:26